higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

NQF LEVEL 2

(Iphepha lokuqala)

(4101222)

7 November 2024 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha 10.

033Q1N2407

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 2
(Iphepha lokuqala)
IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda

   ICANDELO B: Ushwankathelo

   ICANDELO C: Okubonwayo

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

   ICANDELO E: Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelwano

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Phakathi kwabantu ohlala nabo, uya kuqaphela ukuba basoloko bekho abanamagama angooMonde nooNomonde. Ukuxhaphaka kwala magama kubonakalisa ingcinga ephangaleleyo nenkolo yokokuba le nto ingumonde yenye yeziphiwo zendalo ezixabisekileyo esazinikwa nguMdali. Xa umzali enqwenela ukuba umntwana wakhe anganomonde endalweni nasebomini bakhe, kusukuba ethanda ukuba afumane eyona nto iphakamileyo nebalulekileyo. Xa sizikisa ukulicingisisa eli gama, sifumanisa ukuba liliwele neli lithi 'inzondelelo' kuba **ukuze** umntu abe nomonde kufuneka akwazi ukuzondelela entweni.

Kukho ibali elikwiintsomi zikaIsophu, elithetha ngomfo owathi ukuze afumane intombi yekumkani awayefuna ukuyitshata, wabalisela ikumkani intsomi engapheliyo. Le ntsomi yayingentaka eyafika endlwini enkulu ezele umbona, yathatha ukhozo lombona yemka nalo, yabuya yeza kuthabatha olunye ukhozo, yemka nalo. Lo mfo ubalisayo wayemana ukuphindaphinda esithi, 'yabuya, yathath'ukhozo yemka nalo', njalo njalo. Sifundiswa izinto ezimbini ngumbalisi, umonde nenzondelelo. Ukanti umbalisi wale ntsomi wayenenjongo yokuphungula umonde omninzi wokumkani owayengadinwa kukuphulaphula yonke imihla amabali amatshawe namagorha awayefuna intombi yakhe yena engafuni kuyendisa. Unokuqonda ukuba le kumkani yayinomonde xa yayinokuphulaphula la mabali ngamabali yonke imihla. Ukukruquka kwayo yile ntsomi yale ntaka, kwabonakala ngokugqwashumla nokukhalala kwayo, ukuba isoyiswa kukulinda kude kuphele eziyaa nkozo zazithelekelelwa kwizigidi ngezigidi.

Ingaba umonde lo yindalo, umntu uzalwa nawo okanye uyawufundiswa? Ndingawuphendulanga nje lo mbuzo ndithanda ukuba sikhe siqwalasele usana oluncinane olusamuncayo okanye oseluqala ukuzityela. Ukhe uluqaphele indlela olumxhesha ngayo unina xa selulambile? Ukuba unina usalibele kukufudumeza ubisi, okanye ukuhlamba ibhotile, uya kuva ngokutsawula kwesikhalo salo ukuba akukho zicengo ziza kunceda ukuba olu bisi alulungi ngoku. Naba sele bethe dlandlu ukukhula abantwana, kunzima ukulinda xa sele beyifuna into. Xa umntu evela esikolweni, elambile, waza wafika imbiza isarhoxa amanzi okugqibela uya kumbona echiphichiphiza ngenxa yokungabi namonde wokulinda.

Imfundo yakudala yayifunyanwa ngabo bantu bakwaziyo ukuzondelela. Izikolo zazikude, kufuneke umntu avuke ngentseni asenge, athi akugqiba akhaphele iimpahla, okanye aye ediphini, kanti loo mntu useza kuya esikolweni. Ngelo xesha, nesikolo siyakrakra kuba ootitshala nabo bafuna umsebenzi wabo kwakulo mntu uxakeke olu hlobo. Kwakufuneka anyamezele ezi meko umntwana ukuze aphumelele. Abangenamonde nanzondelelo bona babesishiya isikolo bakucinga ngokululamela ezi meko unyaka wonke kungekho lonwabo.

Umonde uhamba nokunyamezela. Akakwazi umntu ukuba nomonde engakwazi ukuzinyamezela izinto ezikhathaza umphefumlo nomzimba. Abafundi banamhlanje abafani nabakudala. Iimeko zokuhlala nezokufunda ezazinyanyezelwa ngabafundi bakudala ezinaleni nasezikolweni zangaphandle azinyamezeleki kwaba banamhlanje. Loo nto ithetha ukuba abakudala babekufundile ukuba nomonde. Iimeko ababekhula phantsi kwazo zazibafundisa ukunyamezela, kodwa ke, noxa kunjalo asinguye wonke umntu onomonde.
Abantu abangaziqeqeshanga ekubeni bakwazi ukuba nomonde ebomini nasentlalweni yabo, kunzima ukuba bakwazi ukunyamezelana. Izidubedube, iimfazwe, ukunyembana yonke le nto idalwa kukuba nomonde omncinci okanye ukungabikho kwawo.

[Sithathwe kwincwadi Iphulo; KS Bongela, saze sahlelwa]

1.1 Caphula ngokuchanekileyo isivakalisi esibonisa ukuba amagama aphiwa abantu aphuhlisa okuthile ngeziphiwo zikaThixo. (2)

1.2 Bhala isivakalisi esichanekileyo usebenzise isibizo esithi, 'inzondelelo' njengentloko yesivakalisi. (2)

1.3 Sebenzisa isihlanganisi 'ukuze' ukubonisa isiphumo. (3)

1.4 Yenza ntoni iKumkani ukuvakalisa ukukruquka kwayo kukubaliselwa intsomi? (2)

1.5 Xela isenzo esenziwa lusana ukuxhesha unina xa lulambile? (2)

1.6 Khetha impendulo echanekileyo. Igama elithi, 'echiphichiphiza' lithetha:

A Ukuphuma kweenyembezi kakhulu zingayeki okokoko.
B Ukuphuma kweenyembezi kakhulu zimana zinqamka.
C Ukuphuma kweenyembezi kancinci zingayeki okokoko.
D Ukuphuma kweenyembezi kancinci zimana zinqamka. (2)

1.7 Bhala izivakalisi eziBINI usebenzise isibizo, 'iimpahla', ukuphuhlisa iintsingiselo ezahlukeney ngaso. (4)

1.8 Dwelisa izinto EZIMBINI ubuncinane ezazisenziwa ngabantu kudala phambi kokuya esikolweni. (4)

1.9 Abafundi banamhlanje abafani nabakudala.' Ingaba luluvo okanye yinyaniso na oku? Xhasa impendulo yakho (3)

1.10 Chaza zibe MBINI izinto ezidalwa kukunqongophala komonde. (4)

1.11 Xela into ibe NYE ebangela kuthathwe iminyaka ngeminyaka ukuphumeza ishishini. (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo,iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwa-nkathelo.

EGUMBINI LOVIWO

Imin' ifikile, imini ekukad'ixelwa iintsuku ezimbalwa eziginya imihla emininzi. Le yimini yokuqala keemviwo zokuphela konyaka. Egumbini loviwo zonke izinto zicwangciswe kakuhle. Iidesika zikrele kakuhle zashiya izithuba ukuze kube lula ukungena nokuphuma phakathi kwazo. Amaqhaga e-inki angamabini ezidesikeni, alatha ukuba nabantwana baza kuhlala ngababini banikane izithuba ezaneleyo ukuze kungabikho kulunguza komnye ephepheni lomnye.

Etafileni yoMongameli-luviwo kwandlalwe ilaphu elimhlophe elikhrotshwe ngobugcisa obungummangaliso. Esazulwini setafile kubekwe ivazi eneentyantyambo ezivumba limnandi. Iifestile zigengiwe kuheleza umoya ukuze kungabikho mntu wozelayo nodubeka ingqondo ngenxa yesifuthufuthu. Ikhabhathi eneencwadi namaphepha amiswe kakuhle ivuliwe ukuze uMongameli-luviwo angaxakeki xa kukho into ayifunayo, kuba kaloku utitshalakazi akabikho kweli gumbi xa abantwana babhalayo.

Intsimbi ibethile bangena abantwana bengenzi ngxolo, neetitshala zangena noMongameli-luviwo sel'ekho. Uthe utitshala ophetheyo akuthi, 'masithandaze', yalitsho iculo ngelizwi elimpongampo intombazana ekucace ukuba yintlabeli yesi sikolo, balithatha abanye batsho ngentsholo emnandi, baya bee tya. Utitshala ufunde isicatshulwa seBhayibhile ekucace ukuba sikhethelwe le mini kuba kukho nendawo ethi, 'Uncedo lwethu lusegameni leNkosi, uMenzi weZulu nomhlaba'. Emva kwesifundo utitshala uye wawubeka umthandazo ochukumisa kunene, ebika aba bantwana kuSomandla, ebika nabakwezinye izikolo abaphezu kokubhala ezabo iimviwo kwangalo eli xesha. Uthe esithi 'Amen', yabe laa ntombazana iwuthi rhiphe umthandazo weNkosi kwangelo lizwi limnandi, yalandelisa ngoDumo. Ithe igqitywa le nkonzwana kwaba sekusele imizuzu elishumi elinesihlanu phambi kokuba kubhalwe, waza ke utitshala wabanika amaphepha okubhala, sel'ebhaliwe kakade amagama abantwana besikolo kwanesikolo. Uthe akugqiba wee khwitshi.

UMongameli-luviwo ubakhumbuze abafundi iindawa-ndawana azithunyiweyo malunga noviwo olu, waza wayiqhaqha imvulophu yemibuzo wababela wathi, 'Bhalani'. Ibe ngulowo waqubuda ephepheni kungekho kuthetha, kurhashaza iphepha lodwa. Ubonakele ngoku uMongameli-luviwo engenasizinzo, esihla enyuka kuloo hola uphakathi kweedesika ephosa iliso ngapha nangapha. Uvakele emzuzwini esithi, 'Kusele imizuzu emihlanu.' Ekupheleni kwayo uthe, 'Bekani phantsi iintsiba nisukume.' Ubuzile ebantwaneni, 'Niyayazi indlela yokulandelelana kwenu?' Bavuma abantwana esekudala beqeqeshelwa olu viwo. **[10]**

[Sicatshulwe kwincwadi, Amavo Amafutshane ebhalwe ngu – A Madala, saza sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3

Qwalasela le mifanekiso ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMFANEKISO A

UMFANEKISO A1



UMFANEKISO A2



[Ithatyathwe kwiIntanethi yaze yahlelwa]

3.1 Yenzani intombazana ekumfanekiso A1? (2)

3.2 Ibonakala njani ukuba le ntombazana iyayonwabela le nto iyenzayo? (2)

3.3 Ingaba kubaluleke ngantoni ukulima? (2)

3.4 Nika izityalo zibeNE ezifumaneka kulimo? (4)

3.5 Nika izinto ezinokwenziwa ngomthi. (2)

3.6 Ingaba imithi inceda entwenini emakhaya? Nika zibeMBINI. (4)

3.7 Iingaba singayikhusela njani imithi? (2)

UMFANEKISO B



[Uthatyathwe kwiIntanethi waze wahlelwa]

3.8 Nika umyalezo odluliswa ngulo mfanekiso. (2)

3.9 Leliphi igama ababizwa ngalo abantu abaxwaye istethoskophu? (2)

3.10 Nika amakhondo amaBINI anokuba kulo mfanekiso (4)

3.11 Ucinga ukuba kukhuthazwa ntoni kulo mfanekiso? (2)

3.12 Ingaba umntu uyazalwa nekhondo okanye uyalifunda? (2)
[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Bhala ezi zivakalisi zilandelayo zibe kwimo evumayo.

4.1.2 Isakhono asifundelwa.

4.1.2 Unomsa akayi esikolweni namhlanje.

(2 × 2) (4)

4.2 Chonga isimelabizo kwesi sivakalisi singezantsi uze uchaze udidi lwaso?

Eyona nto ibuhlungwana nje apha kuyo, ayinamtsalane kakhulu. (2)

4.3 Sebenzisa iimpawu zobhalo ezifanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

'yehake kutsha phi na wethu' (3)

4.4 Bhala le ntetho ilandelayo ibe kwingxelo-ntetho.

Qala impendulo yakho ngolu hlobo: UNozipho ubuze ...

'Ukhathazwe yintoni na ngalo mzuzwana?' kubuza uNozipho. (3)

4.5 U-ba obhalwe ngqindilili kwisivakalisi
'Bona a**ba**zimisele kugila mikhuba nokwenza amanyala ...' sisivumelanisi ...

A Sesibaluli
B Sentloko
C Sesibanjalo
D Sesiphawuli (2)

4.6 Xela isafobe esisetyenziswe kule ntetho. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Iimvumi zibhabha emoyeni.

A Uchasaniso
B Isikweko
C Ubaxo (2)

4.7 Guqula la magama abe kwimo yesininzi:

Ndimfumene.
Uyacula
Zenzele
Thabatha
Umcinga (5)

4.8 Senze msebenzi mni isibizo esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?
Iimvumi ziyabaculela **abalandeli** bazo. (2)

4.9 Guqula ezi zivakalisi zibe kwimo yokuyalela.
Iimvumi zicula kakhulu.
Abalandeli bayaqhwaba (4)

4.10 Landelelanisa amagama ngokuchanekileyo kwesi sivakalisi silandelayo ukuze kuvakale intsingiselo yaso.

abantu zonwabisa iimvumi. (3)

4.11 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngesihlanganisi u-nangona.

Imvula ibalulekile. Yenza umonakalo ngamanye amaxesha (2)

4.12 Bhala isimelabizo sokukhomba endaweni yegama elibhalwe ngqindilili.

4.12.1 **Iimvumi** zegosipile zidumisa uSomandla.

4.12.2 Iimvumi zonwabisa **abalandeli**.

(2 × 2) (4)

4.13 Bhala iqhalo okanye isaci ngegama ‘ulwimi.’ (2)

4.14 Nika intsingiselo yesi sivakalisi silandelayo.

Ukungakhothi naphantsi. (2)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

CANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUNXIBELELWANO

UMBUZO 5

5.1 Bhala izivakalisi ngezi zifanekiso-zwi zilandelayo:

Qhwa, Jwi (4)

5.2 Zibonakalisa eziphi iimpawu zovakalelo izikhuzo kwezi zivakalisi zilandelayo:

5.2.1 Tyhini bethuna! Usana lwam.

5.2.2 Haybo! Ngumhlola wantoni na lo?

5.2.3 Yhu! Yhu! Yhu! Yintoni le imbi kangaka?

(3 × 2) (6)

5.3 Lungisa iimpazamo zolwimi kwezi zivakalisi zilandelayo

5.3.1 Inkwenkwe incela amalizo.

5.3.2 Yonke umlambo igcwele.

5.3.3 Abantwana makakhuthazwe afunde

5.3.4 Umama indlu utshayela

5.3.5 Uze uthenge isoka esidaka.

(5 × 2) (10)

[20]

UMBUZO 6

Bhala intsingiselo yala maqhalo okanye izaci zilandelayo

6.1 Umtya nethunga.

6.2 Isala kutyelwa sibona ngolophu.

6.3 Isisila senkukhu sibonwa mhla ligquthayo.

6.4 Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.

6.5 Ikhwekhwe lexhwili.

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 140